

Mfundisi wam othandekayo kunye nabantu base False Bay,

Ndiyabonga ngempendulo yakho enikeziweyo malunga ne Website yethu njengoko siqhubeka nokuyakha.

Iintsuku ezilishumi elinesithandathu zokhuselo kubundlobongela kwabasetyhini nabantwana sele ziphelile. Kungosizi , ubundlobongela busaqhubeka. Yntoni ongayenza kule veki ukufundisa abanye ukuba baxabise onke amalungu oluntu ekuhlaleni? Ndiyabulela ngemibhikisho nocwangco oluthuleyo, kunye neenkonzo zokuphilisa ezininzi kwiicawa zethu. Nceda uqhubeke ubethe intsimbi emini ukukhuthaza abantu ukuba bayeke nantoni na abayenzayo beze kuthandazele amaxhoba obundlobongela nokusetyenziswa kwabo kakubi. Ezinye iicawa zibetha i-Angelus. Makhe senze oku kube yinto eyenziwa oko ukukhumbuza abantu ubukho beCawa yamaTshetshi kunye noThixo nathi .

Kuzo zonke izinto esizenzayo, siyaqhubeka sicela uThixo ukuba avule iintliziyi zethu kuMoya oyiNgcwele. Sicele uThixo ukuba asincede sihlale esdiliyeni ukuze iziqhamo ezilungileyo zibekhona ngokuqhubekayo ebomini bethu njengoko sihamba ngoko Moya. Xa sijonga emva kunyaka obe yimpumelelo kule Dayosis yethu ethandekayo, ngokwenene uThixo wagcina umlilo uvutha ngaphakathi kwethu. Sadlula kwiindidi ezahlukeneyo zomhlaba. Sahamba sawela kwimifula apho siye saziva sonwabile , apho ubomi buzele uvuyo kwaye saziva ngathi siyadanisa Siqabele kwintaba ezinyukayo apho bekulula ukuwa khona, indlela imtyibilizi, apho sasibonakala sithela khona amanyathelo amabini ngamanqanaba amathathu okunyuka.. Sihamba ngeendinyana ezimnyama apho bekulula ukulahleka kwindlela zethu,, bekungabonakalisi nto inotshintsho. Kweminye imimandla yethu, abefundisi behamba kwimihlaba enobungozi apho izibhamu zihamba phambi kwabo kwaye kulula ukulimala. Kuko konke, ngoncedo lukaThixo, sabonisa ukunyamezela , kungakhathaliseki ukuba kwenzekani, saqhubeka sibeka inyawo elinye phambi kolunye.

Uvame ukuva xa ndisithi , masenze iindawo ezikhuselekileyo kwaye senze ixesha lokuphulaphula amabali abantu bethu. Kuyimfuneko ukwabelana ngokuvuya kunye nentlungu, iimpazamo esizenzayo kunye nezifundo esizifundileyo. Icawa i malunga nokwakha ubudlelwane. Makhe siqhubeke endleleni. Nangona kunjalo kude kwalapha siza ngobabalo lukaThixo, kusekuninzi ekufuneka sikujonge ngaphambili . UMoya usahamba nathi , ngoko ke masiqhubeke sihambe ngawo .

Bahlobo abathandekayo, masingalahlekiswa ngumoya weKrisimesi. Lixesha le Advent apho sifuna intsingiselo ebalulekileyo yobomi, ngokomoya nangomthandazo. Khumbula imihobe ye Advent kwiphepha -68 yeNcwadi Yomthandazo Wase-Tshetshi . Yonwabela i-Advent kunye neenkonzo zeKarimesi ye Carols. Masihlale sibambelele kuthando lukaThixo.

Umbulelo omkhulu ngokunyaniseka kwakho nangobulungiseleli bakho. Uthando, Imithandazo kunye neentsikelelo ze Advent.

*Resource: We make the Road by Walking. Brian D. McLaren*

*Translated into IsiXhosa by Ntsiki Fani*